## IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKHELE isincoko.

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | imizuzu engama-30 |

8 Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.

QAPHELA: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko/kumhlathana.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko ngasinye.

### UMBUZO 1

1.1 Indlela endathi ndonwaba ngayo ngaloo mini. **[50]**

1.2 Le nto ilivili iyajikeleza. **[50]**

1.3 Ukunqongophala kwemisebenzi kungunobangela wokukhula kolwaphulo-mthetho. **[50]**


1.4 Amanzi ngundoqo wokuphila. **[50]**

1.5 Xa ndinokuba nguMongameli wombutho wolutsha eMzantsi Afrika. **[50]**

1.6 Inene ndiyamthanda, andizenzi. **[50]**

1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



**[50]**

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Ungumphulaphuli weSitishi sosasazo uMhlobo Wenene, rhoqo kusasa umamela inkqubo eyiBEE.

Bhalela uMasitishi/uMphathi- sitishi wesi sikhululo ileta uncome le nkqubo ngendlela ehlaziya neyonwabisa ngayo abantu kusasa. **[30]**

2.2 **IRIVYU**

Ungumphathi weklabhu yakho yokufunda iincwadi.

Bhala irivyu yencwadi enigqiba kuyifunda uvelele zonke iinkalo zokubhalwa kwerivyu. **[30]**

2.3 **INTETHO**

Isikolo senu sifumene inkxaso yeencwadi neekhompyutha kumbutho woMnqamlezo oBomvu.

Yenza intetho yombulelo egameni labafundi. **[30]**

2.4 **INGXOXO YABABINI**

Xoxa nomhlobo wakho malunga nokubaluleka nokungabaluleki kwezemidlalo. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube mNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana ngamnye.

### UMBUZO 3

3.1 **IFLAYA**

Yenza iflaya wazise abafundi ngevenkile yesikolo eza kuvulwa kwinyanga ezayo. **[20]**


3.2 **IDAYARI**

Ningabafundi niza kuthabatha uhambo oluza kuthatha iintsuku ezi-5.

Bhala ungeniso kwidayari uchaphazele zonke iindawo enizihambeleyo nezinto ezenzekileyo kusuku ngalunye. **[20]**

3.3 **UKUKHOMBISA INDLELA**

Khombisa umakazi wakho indlela esuka eCape Town egqitha eGeorge xa esiya ePemba.




**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**